









It starts with a story...

## Reading with your child


We all love to hear "Read this to me, please!" because it means that our children are interested in books. But do you sometimes wonder whether there are ways that you could improve your reading-for-enjoyment times with your children?

The most important thing is for you to enjoy yourselves because that way your children will learn that reading is a pleasurable activity. So, while there are no right or wrong ways to share books with a child, here are some ideas you might like to try.

-  **Choosing books.** Sometimes let your children choose which books they want you to read. Other times, talk together about the books to choose and suggest ones that you think will suit their interests.
-  **Timing is everything.** Share stories at times when your children find it easy to settle down like after bath time or just before they go to sleep at night. Younger children may find it difficult to concentrate for long periods of time so don't read for too long. Remember you want to encourage them to develop an interest in stories and books, so don't make it a chore!
-  **Don't skip the cover.** Read the title of the book and the name of the author and illustrator each time you read a book. This helps them to know that real people just like them write and illustrate stories.
-  **Ask questions.** As you read the story, ask open-ended questions about it. 'What do you think will happen next?' is a great question to help children develop their prediction skills which are essential to being a successful and independent reader.
-  **Read it again!** If your children ask you to read a story again... and again and again, do it! This allows them to discover new things about the story each time.
-  **Reading together is for older children too.** Once children can read, you do not have to stop reading to them! Choose books that are more difficult and complex than the ones they can read on their own.

Neo's dad  
Utata  
ka-Neo







Neo



## Ukufunda nomntwana wakho

Sonke siyakuthanda ukuva umntwana esithi "Ndicela undifundele ibali!" kuba oku kuthetha ukuba abantwana bethu banomdla kwiincwadi. Kodwa ke, ingaba ukhe ucinge ngamanye amaxesha ukuba zingabakhona na iindlela ongaphucula ngazo amathuba okufundela ulonwabo nabantwana bakho?

Eyona nto ibaluleke kakhulu kukuba nonwabe, kuba ngaloo ndlela abantwana bakho baya kutsho baqonde ukuba ukufunda yinto emnandi. Ngoko ke, nangona nje zingekho iindlela ezichanekileyo nezingachangekanga zokufunda iincwadi kunye nomntwana wakho, nantsi ke imibono ethile mhlawumbi ongathanda ukuyizama.

-  **Ukukhetha iincwadi.** Ngamaxesha athile bayeke abantwana bakho bakhetha ngokwabo iincwadi abafuna ubafundele zona. Ngamanye amaxesha, bonisanani ngeencwadi ezikhethayo uze ke wena ubonise ngezo ucinga ukuba ziyakufanelana neemfuno zabo.
-  **Likhethe kakuhle ixesha.** Balisa amabali ngamaxesha apho abantwana bakho bafumanisa kulula ukuzinza, njengasemva kokuhlamba okanye ebusuku phambi kokulala. Abantwana abancinane bangafumanisa kunzima ukumamela ithuba elide, ngoko ke ungafundi ixesha elide ngokugqithileyo. Khumbula kaloku ukuba ujonge ukubakhuthaza babenomdla kumabali nasezincwadini, ngoko ke ungabakruquli!
-  **Ungalitsibi iqweqwe.** Funda itayitile yencwadi kunye negama lombhali nelomzobi qho xa ufunda incwadi. Oku kubanceda ekubeni bazi ukuba abantu bokwenyani abafana nabo bayabhala kwaye bazobe imifanekiso.
-  **Buza imibuzo.** Xa ufunda ibali, buza imibuzo enguhlalala. 'Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?' Lo ngumbuzo obaluleke kakhulu wokunceda abantwana baphuhlise izakhono zabo zokuqikelela, eziyimfuneko ukuze babengabafundi abanempumelelo.
-  **Phinda uyifunde!** Xa abantwana bakho bekucela ukuba uphinde ulifunde ibali...okokoko kwenze oko! Oku kwenza ukuba bamane bebhaqa izinto ezintsha ngebali.
-  **Ukufunda kunye kukwalungiselelwe nabantwana abadala.** Xa abantwana sele bekwazi ukufunda, akuthethi ukuba uyeke ukubafundela! Khetha iincwadi eziqatha nezintsonkothileyo kunezo bakwaziyo ukuzifundela ngokwabo.

For more information on reading to children as well as how to read to children of different ages, go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi malunga nokufundela abantwana, ndawonye nendlela yokufundela abantwana abaneminyaka yobudala eyahlukeneyo, yiya ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

**Win!**  
Turn to page 7 to find out how to win a mini-library worth R25 000!



**Wina!**  
Tyhila iphepha lesi-7 ukuze ubone ukuba ungayiwina njani na ilayibrari encinane exabisa ama-R25 000!

Help your child be a somebody.  
Nceda umntwana wakho abelulutho.





# Growing readers

All over South Africa people are starting reading clubs to get young people reading! Some of these clubs have been running for a number of years while others are just starting – but what is common to all of them is that they have caught the story-bug and they don't want to let it go!

Why do people start reading clubs? These people know how important telling stories, reading and writing are in our lives. They want to provide regular opportunities for children to enjoy listening to stories and reading and writing. They know that as children experience stories and books, they will grow to love them and also become better at reading and writing.

So, what is a reading club? It's a relaxed environment that is more like home than school. Nobody is forced to come – it's something you choose to do. It's a place where people who love stories and books meet regularly to read, tell stories and talk about what they are reading with children of all ages. Sometimes they also do other fun activities related to stories and books. And often there's time for club members to write too...because reading and writing go together. All of these things can happen in any language – in fact, most of the clubs tell and read stories in at least two languages!

If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.

Noodle



## Ukukhulisa uthando lokufunda

KuMzantsi-Afrika uphela abantu baqalisa amaqela afundayo ukuze abantu abatsha bafunde! Amanye amaqela afundayo sele kuyiminyaka eqhuba, ukanti ke amanye asaqala – kodwa into afana ngayo kukuba azifake zatshona iinzapho kumabali kwaye akafuni kuzincothula!

Kutheni abantu baqalisa amaqela afundayo? Aba bantu bayakwazi ukubaluleka kokubalisa amabali, ukufunda nokubhala kwintlalo yethu. Bafuna ukunika abantwana amathuba amaninzi ukonwabela kumamela amabali, okufunda kunye nokubhala. Bayazi ukuba xa abantwana bexhamla amava wamabali neencwadi, baza kukhula bezithanda iincwadi kwaye babengcono ekufundeni nasekubhaleni.

Phofu, yintoni iqela elifundayo? Yindawo ekhululekileyo efana nasekhaya endaweni yokuba ibesisikolo. Akukho mntu unyanzelekileyo ukuba aye – uyazikethela. Yindawo apho abantu abathanda amabali neencwadi bahlangana khona rhoqo ukuze bafunde, babalise kwaye bathethe ngezinto abazifundayo nabantwana abeneminyaka yobudala eyahlukeneyo. Benza nezinye izinto zolonwabo ezayamene namabali neencwadi. Kumaxesha amaninzi likwakho nexesha lokuba amalungu eqela elifundayo abhale...kuba ukufunda nokubhala kuyahambelana. Zonke ezi zinto zingenzeka ngalo naluphina ulwimi – eneneni, uninzi wamaqela afundayo abalisa kwaye afunde amabali okungenani ngeelwimi ezimbini!

Ukuba awuyisayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Luse esikolweni, kwiziko labahlali, ilayibhrari, okanye kumntu olindingayo.



## More about reading clubs

- ★ A reading club can be a place to learn to read if you can't read at all or to improve your reading if you don't read very well.
- ★ People who start up and run reading clubs are responsible people who make time regularly to share their knowledge, time and love of stories and books with children.
- ★ Anyone can be involved: toddlers, children, teenagers, moms, dads, grandparents, volunteers and other caregivers.
- ★ Some clubs are big with up to 50 children in them. They meet in large venues like the ones you will find at schools, libraries and community centres. Other clubs are smaller, like ones where adults host small reading groups in their homes for 5 or 6 children who live with or near them.
- ★ Some clubs are even started and run by children and teenagers in their homes or at school during break or after school.
- ★ Other clubs meet as part of the regular programmes run for children at church, temple or mosque, or as part of the after-school care programme at school. There are even clubs especially for babies and toddlers at clinics.



## Ezinye iinkcukacha ngamaqela afundayo


- ★ Iqela elifundayo ingaba yindawo ekufundwa kuyo xa ungakwazi ukufunda konke konke okanye uphucule indlela ofunda ngayo xa ngaba awukwazi ukufunda kakuhle.
- ★ Abantu abaqalisa kwaye baqhuba amaqela afundayo ngabantu abanoxanduva, abazinika ithuba rhoqo ukuze babelane nabantwana ngolwazi, ixesha lokufunda kunye nothando lwabo lwamabali neencwadi.
- ★ Nabanina angabandakanyeka: iintsana, abantwana, ulutsha, oomama, ootata, ootamkhulu noomakhulu, amavoluntiyi nabanye abanakekeli.
- ★ Amanye amaqela afundayo makhulu anabantwana abafikelela kuma- 50. Ahlanganela kwiindawo ezinkulu ezifana nezikolo, ilayibhrari, nakumaziko abahlali. Amanye amaqela afundayo mancinane, apho abantu bahlanganela kumakhaya wabo nabantwana aba- 5 okanye aba- 6 abahlala nabo okanye abahlala kufuphi.
- ★ Amanye amaqela afundayo aqaliswa kwaye aqhutywe nkqu ngabantwana nolutsha kumakhaya wabo okanye esikolweni ngexesha lerisesi okanye ukuphuma kwesikolo.
- ★ Amanye amaqela afundayo ahlalanga njengexenye yeenkqubo zesiqhelo ezilungiselelwe abantwana ezicaweni, kwitempile nakwii-mosque, okanye njengexenye yenkqubo yonakekelo yokuphuma kwesikolo esikolweni. Akwakho amaqela afundayo nkqu naseziklinikhi, ngakumbi ezeentsana neemveku.

### Create your own mini-book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadina encinane

1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





# Get story active!

After you and your children have read *It's time*, try out some of these ideas.

## If you have 10 minutes...

- Look closely at the pictures in the story. Can your children find Zaza in each of the pictures? What is she doing?
- Help older children to deepen their understanding of the story by asking them to pay attention to the details in the pictures. For example, what is funny on pages 2 and 8? What are the children reading about on page 9? Who isn't writing on page 13 and what are they doing?

## If you have 30 minutes...

- Ask your children to find all the animals in the pictures. Can they name them and describe what they are doing?
- Let your children draw their own pictures of Zaza. Help them to write one or two sentences about their pictures.
- Talk to your children about the things that Zaza does each day and the things they do. Which things are the same? Which are different? Ask them what their favourite time of day is and why they enjoy it so much.

## If you have 1 hour...

- Fold a few sheets of paper to create a book so that your children can create their own books about the regular events in their lives or about events they imagine. Encourage them to draw pictures of these events. Help younger children finish their books by writing the words they tell you for each picture. Let older children write on their own. Ask them to try to spell words for themselves. If they need help, give it and suggest that they use the words 'It's time for...' from the story. Encourage your children to read their own books and to share them with others!

For more story activities go to: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)  
Ukuze ufumane iinkcukacha zamanye amabali, yiya ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Illustrations by Nikki Jones  
Imifanekiso ngu-Nikki Jones



# Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elithi, *Lixesha*, zama eminye yale mibono.

## Ukubangaba unemizuzu eli-10...

- Jongisa kwimifanekiso esebalini. Bangakwazi abantwana bakho ukubona uZaza kumfanekiso ngamnye? Wenzani?
- Nceda abantwana bakho abadala bandise ulwazi lwabo lwebali ngokubacela baqwalasele iinkcukacha kwimifanekiso. Umzekelo, yintoni engaqhelekanga kwiphepha lesi-2 nele-8? Bafunda ngantoni abantwana kwiphepha lesi-9? Ngoobani abangabhaliyo kwiphepha le-13 kwaye benza ntoni?

## Ukubangaba unemizuzu engama-30...

- Cela abantwana bakho bakhangele zonke izilwanyana emifanekisweni. Bangazibiza ngamagama azo kwaye bachaze ukuba zenza ntonina?
- Yithi abantwana bakho mabazobe imifanekiso kaZaza. Bancede babhale isivakalisi sibesinye okanye zibe zibini ngemifanekiso yabo.
- Thetha nabantwana bakho ngezinto azenzayo uZaza kwimini nganye kunye nezinto abazenzayo. Zintoni abafana ngazo? Zeziphi ezahlukileyo? Babuze ukuba leliphi ixesha abalithandayo emini kwaye kutheni belithanda kangako.

## Ukubangaba uneyure enye...

- Songa amaphetshana ambalwa wenze incwadi ukuze abantwana bakho bazenzele iincwadi zabo malunga neziganeko zesiqhelo entlalweni yabo okanye ngeziganeko abazingayo. Bakhuthaze bazobe imifanekiso yezi ziganeko. Nceda abantwana abancinane bagqibezele iincwadi zabo ngokubhala amagama abakuxelela wona kumfanekiso ngamnye. Bayeke abantwana abadala bazibhalele. Yitsho bazame ukupela amagama ngokwabo. Ukuba badinga uncedo banike lona kwaye ubabonise ukuba basebenzise amagama athi 'lixesha loku...' emfanekisweni. Khuthaza abantwana bafunde iincwadi zabo kwaye babonise nabanye!

### Can you find the things that Zaza uses each day?

shoes  
radio  
book

rope  
pencil  
bag  
socks  
dress



x	d	s	f	g	r	s	p	r	z
a	b	h	s	c	o	d	b	a	g
e	b	o	o	k	p	f	g	d	h
i	f	e	c	p	e	n	c	i	l
j	d	s	k	l	m	n	q	o	r
t	v	x	s	d	r	e	s	s	z



### Ungajonga izinto uZaza azisebenzisayo qho ngemini?

izihlangu  
unomathotholo  
incwadi

intambo  
ipensile  
ibhegi  
iikawusi  
ilokhwe



x	d	s	f	i	i	k	a	w	u	s	i	z
v	j	e	s	z	k	w	z	d	j	p	w	n
s	j	e	t	i	b	h	e	g	i	f	s	m
o	q	d	l	h	k	s	h	i	b	w	s	i
z	i	j	f	l	g	w	l	n	k	x	v	r
u	n	o	m	a	t	h	o	t	h	o	l	o
r	c	e	a	n	g	h	w	a	i	p	a	f
e	w	o	o	g	p	f	g	m	d	h	k	h
i	a	e	c	u	e	n	c	b	k	w	n	l
j	d	s	k	l	m	i	l	o	k	h	w	e
t	i	p	e	n	s	i	l	e	o	a	f	z

## Win a mini-library worth R25 000!

Our wonderful sponsors have donated books so that we can give away fine mini-libraries. If you live in the Western Cape, Eastern Cape, KwaZulu-Natal or Gauteng, you stand a chance of winning one of these mini-libraries for your reading club or school.\* SMS NALIBALI followed by your name, the name of your reading club or school, address and contact number to 32545. SMSs cost R1. Closing date: 31 July 2012

\* Terms and Conditions apply.  
Go to [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements) for more details.



## Wina ilayibhrari encinane exabisa ama-R25 000!

Abaxhasi bethu abamangalisayo basiphe iincwadi ukuze siphise ngeelayibhrari ezincinane ezintle. Ukuba ngaba uhlala eNtshona Koloni, eMpuma-Koloni, KwaZulu-Natal okanye eRhawutini, unethuba lokuwinela iqela lakho okanye isikolo sakho enye yezi layibhrari zincinane.\* Thumela i-SMS ethi NALIBALI ulandelise ngegama lakho, igama leqela lakho elifundayo okanye igama lesikolo sakho, idilesi kunye neenombolo zoxulumano kule nombolo 32545. Ii-SMS zibiza i-R1. Umhla wokuvalwa ngowama: 31 Julayi 2012

\* Kukhona imimiselo nemiqathango esetyenziswayo.  
Yiya ku [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements) ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe.

CAMBRIDGE

OXFORD

PEARSON

NuMetro



## Story corner

Here is the second part of our story by Donvé Lee for you to read aloud or tell. Remember, last week Sefudi's mother had died and this had made him very sad.



Illustration by Donvé Lee  
Imifanekiso ngu-Donvé Lee

### Sefudi's sadness (Part 2)

That night he dreamt again about a lady on the moon. This time her face was shining with love and kindness in the way that his mother's face used to shine when she looked at him. She was carrying a big box of coloured crayons and big sheets of sparkling white paper. When he woke up she was gone, but she had left a smile in his heart. In the days and weeks after that, Sefudi started to laugh a little.

And he started to draw. A lot.

He drew on his hands and his arms and his legs and on his school desk and sometimes when he just couldn't help himself he drew on the blackboard when the teacher wasn't looking. One day his teacher became so tired of telling him to clean himself and everything else that she gave him a drawing book and a box of coloured pencils and his smile was the biggest smile that ever-there-was. And when Sefudi saw his brightly coloured pictures grow out of the sparkling white paper his heart began to sing.

As he grew older Sefudi's drawings became more and more marvellous. His teachers and his aunts and his uncles and his father and his father's friends said that he was a special boy with a special gift, because when they looked at his pictures the sunny colours melted some of the sadness in their hearts. And when they listened to the stories that the pictures told them, they understood things that they had never understood before.

Sefudi didn't tell them about those strange and wonderful dreams. He didn't tell them about the dream which caused the River of Sadness to pour down his cheeks. He didn't tell them about the dream which planted a smile in his heart.

But some nights when the moon was a big silvery ball in the sky, and the darkness was silent and full of secrets, he looked for the Lady on the Moon. And the thought he saw her. Smiling.

## Ithuba lokubalisa

Nali icandelo lesibini leballi lethu likaDonvé Lee lokuba ulifundele ngaphandle kwaye ulibalise. Khumbula, kule veke iphelileyo umama kaSefudi uye wasweleka, yaze ke loo nto yamkhathaza kakhulu.

### Iintsizi zika-Sefudi (Icandelo lesi-2)

Nangobusuku bangaleyo imini waphinda waphupha ngomama osenyangeni. Ngeli ityeli ubuso bakhe babukhazimla, buzele uthando nobubele, kanye ngalaa ndlela ubuso bukamama wakhe babuye bukhanye ngayo akumjonga. Lo mama wayephethe ibhokisi enkulu yeekhrayoni ezimibala-bala zokuzoba, nentaphane yamaphepha amhlophe qhwa. Ukuvuka kwakhe wayengekho, kodwa entliziyweni yakhe wayeshiye ulonwabo. Kwiintsuku ezilandela olo, neeveki ezilandela leyo uSefudi waqala ukuhleka-hleka kancinci.

Waqala nokuzoba. Kakhulu.

Wayezizoba ezandleni, azizobe ezingalweni nasemilenzeni, azobe nasedesikeni yakhe yesikolo, athi ngamanye amaxesha, xa engakwazi ukuzibamba, azobe nasebhodini akuba kude neliso likatitshala. Wade ngenye imini wakruquka utitshala wakhe kukusoloko emxelela ukuba ayeke ukuzingcolisa, wasuka wamnika incwadi yokuzoba kunye nebhokisi yeepensile zokuzoba ezimibala-bala. Uncumo lwakhe lwaba lukhulu ngendlela engekaze ibonwe. Wathi uSefudi akubona imizobo yakhe kwelo phepha limhlophe qhwa, intliziyweni yakhe yaxhuma-xhuma luvuyo, yaqalisa ukucula.

USefudi uthe njengokuba esiya ekhula, imizobo yakhe yaye isiba mihle ngokuba mihle. Ootitshala bakhe kunye noomakazi bakhe noodadobawo bakhe, noomalume bakhe kunye notata wakhe, nabahlobo bakatata wakhe bathi kuye wayeyinkwenkwe eyodwa, enesiphiwo esisodwa kuba kaloku babesithi xa bejonga imizobo yakhe imibala eqaqambileyo yemifanekiso yakhe izinyibilikise zimke iintsizi ezintliziyweni zabo. Babesithi khona bakumamela amabali achazwa yimifanekiso yakhe, batyhilekelwe zizinto ebezibanqabele ngaphambili.

USefudi wayengazange wabaxelela ngaloo maphupha akhe angaqhelekanga, nangumngangaliso. Zange abaxelele ngephupha lakhe elabanga umlambo weeNtsizi ukuba uqukuqele ezidleleni zakhe. Akazange abaxelele ngephupha elashiya uncumo entliziyweni yakhe.

Kodwa ebesithi ngezinye imini, ebusuku xa inyanga isisonka esibhakabhakeni, xa kumnyama thsu, ubusuku buthwele iimfihlelo zabo, ebeye akhangele uMama eNyangeni. Acinge ukuba umjongile. Ngoncumo.

Go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) and enter our competition to win a copy of the book, *Knowing you, knowing me* which 'Sefudi's sadness' comes from.

Yiya ku [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ungenele ukhuphiswano lwethu ukuze uwine ikopi yencwadi ethi, *Yazi mna ndazi wena ekuphuma kuyo ibali elith 'Iintsizi zika-Sefudi'*.

You can help put these supplements into the hands of young readers!

Donate to the Sunday Times Readers' Fund  
Account number: 00 160 4783;  
Branch: Rosebank;  
Branch code: 00 43 05 17;  
Bank: Standard Bank;  
Reference: Nalibali

Unganceda ngokufikelelisa olu shicilelo ezandleni zabafundi abaselula!

Xhasa ngedoneyishini kwiNgxowamali yaBafundi ye-Sunday Times  
Inombolo ye-akhawunti: 00 160 4783;  
Isebe: Rosebank;  
Ikhawudi yesebe: 00 43 05 17;  
Ibhanki: Standard Bank;  
Ireferensi: Nalibali

### In your next Nal'ibali supplement:

- Tips on how to encourage your children's interest in reading and writing
- Find out about the reading club that planted the seed for Nal'ibali!
- Two chapters from the teen novel, *Broken Promises*
- A zig-zag book, *Two*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or find us on facebook: [www.facebook.com/nalibali](http://www.facebook.com/nalibali)

Find us on Twitter: @nalibali  
Sifumane kuTwitter: @nalibali

### Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Amacebo ngendlela ongakhuthaza ngayo umdla wabantwana bakho ekufundeni nasekubhaleni
- Fumana iinkcukacha ngeqela elifundayo eyatyala imbewu yeNal'ibali!
- Izahluko ezimbini eziphuma kwinotheli yabatsha, *Ukophulwa Kwezithembiso*
- Incwadi enamajiko-jiko, *Izibini*

Uyingxamele ngeyona ndlela iveki ezayo ukuze ufumane amanye amacebo okufunda nawamabali kunye neembono ezichulumancisayo? Ndwendwela ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye sifumane ku-facebook: [www.facebook.com/nalibali](http://www.facebook.com/nalibali)

# It's time! Lixesha



Story by Carole Bloch

Illustrations by Nikki Jones



Ibali ngu-Carole Bloch  
Imifanekiso ngu-Nikki Jones



We publish **what** we like

Read the original story, *It's time*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana and Xitsonga.


Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Lixesha*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka nangesiZulu, i-Afrikaans, isiSwati, isiPedi, isiSuthu isiTswana nangesiTsonga.

I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



I-Nal'ibali liphulo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



The sun peeps through Zaza's window.



Ilanga lathi gqi efestileni kaZaza.

It's time to get up.




Lixesha lokuvuka.

Mommy gives Zaza a big hug.



Umama uwola uZaza.

It's time to go to school.



Lixesha lokuya esikolweni.



The children sit on the mat.



Abantwana bahlala phezu kwekhaphethi.

It's story time.



Lixesha lebali.



The teacher writes on the board.



Utitshala ubhala ebhodini.

It's time to write.



Lixesha lokubhala.